**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lesibini)**

**OCTOBER / NOVEMBER 2005**
**OKTOBER / NOVEMBER 2005**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

---

**IMIYALELO:**

Eli phepha linamacandelo amahlanu u- A, B, C, D no E.
Abafundi mabaphendule ngesiXhosa esisulungekileyo.
Abafundi mabaphendule imibuzo EMIBINI kuphela kwincwadi ezintlanu ezibuziweyo

---

ICANDELO A
**UMBUZO 1**

***Khala zome***: **L.M.S. Ngcwabe**

1.1 Funda lo mhobe uze uphendule imibuzo.

**IQHOSHA LAM**

Ndineqhosha ligugile,
Aliseva nangendlebe,
Kwanamehlo abolile,
Kodw' umlomo usaphila

Ungafika lincumile,
Selingasatweli ngako,
Likhenkceza ligcobile,
Lizibuka-buka ebhatyini.

Ndalambulelwa ngubawo,
Kodwa akungeze utsho:
Liyafana tu nawo
Onke amaqhosha am.

Ndakha ndathi ngeny' imini,
Ndihombile ngezodidi,
(Ndandisiya emtshatweni)
Ndeva selidanduluka:

"Ndidiniwe yimitshato;
Azisekhw' iintanga zam:
Sezaphumla kwimitshato,
Sezinikele koonyana.

"Nakulaa mtshato kayihlo,
Wawungekabikho wena
Kwakukhapha kwamna lo –
Sendanele zizisusa.

"Ndimntu mni na mna kakade,
Lo ungakhe aphunyuzwe?
Ndikhonzile kweli kade:
Ngesendityebile komnye.

1.1.1 Caphula izinto ezibonisa ukuba eli qhosha selilidala. (3)

1.1.2 Libalasele ngantoni eli qhosa nangona selilidala? Bhala zibe ntathu. (3)

1.1.3 Walithatha phi lo mntu eli qhosha? (1)

1.1.4 Lakhalazela ntoni ngenye imini? (1)

1.1.5 Kha ucacise umhlathi wesithandathu. (2)

1.1.6 Bhala izixhobo ezisetyenziswe ngumbhali. (2)

1.1.7 Athetha ukuthini la mabinza alandelayo:

a) selingasatweli?
b) likhenkceza?
c) ndihombile ngezodidi?
d) ndeva selidanduluka? (4)

1.1.8 Bhala amanye amagama amabini athetha ukutwela. (2)
**(18)**

**Tyhila**

1.2 Funda esi silandelayo isicatshulwa wandule ukuphendula imibuzo.

**UBUGORHA**

Kumagorh' asemhlabeni
Andizange ndalibona,
Ndingasoze ndalibona
Elingamelana neli
Kuth'wa nguSibindi.

Kwabancinci nabadala;
Uhlala entliziyweni,
Ufudumez' umbilini,
Z'banjwa nguye ke iintambo
Mhla kutshis' ibunzi.

Waziphelela yena
Enkonzweni yamagwala;
Woze selingcangcazela
Alikhaliphise lilwe –
Kungamili nengca.

NguMahlal' exhobe kade,
Entliziywen' ungambona;,
Phaya ngasemnyang' ukhona,
NguMehlo akaqhwanyazi,
Ulindel' ubizo.

1.2.1 Ngumntu onjani igorha? (1)

1.2.2 Xela eli gorha lomzimba. (1)

1.2.3 Lifumaneka phi emzimbeni eli gorha? (1)

1.2.4 Caphula izaci ezisetyenziswe ngumbhali. (3)

1.2.5 Bhala izafobe ezisetyenzisiweyo. (2)

1.2.6 Athetha ntoni la mabinza?

a) Z'banjwa nguye intambo. (1)
b) Mhla kutshis'isibunzi. (1)
c) Kungamili nengca. (1)
d) Ulindel'ubizo. (1)

**(12)**

1.3 Funda ezi zilandelayo iivesi, uze uphendule imibuzo.

Kowu! Wena! Ungamsezi!
Akunxil' unamabhongo,
'Suke akubus' iqungo
Ungabon' ugebeng' umntu
    Engenzanga lutho.

Nasentlango kusekhaya,
Ndingalala ethafeni
Ndingakhwaza ehlathini,
Ndinesibindi sendoda,
    Ndiyingwe ngokwam!

1.3.1 Mpawu zini ezivelayo kwigorha lakusezwa? (1)

1.3.2 Zinto zini ezinye elingazenza? (3)

1.3.3 Sibonisa ntoni isikhuzo esisetyenzisiweyo? (2)

1.3.4 a) Yintoni iqungo? (1)
b) Kukuba njani ukuba yingwe? (1)

1.3.5 Uyisebenziseleni umbhali imvano-siqalo kwimiqolo emine yokugqibela? (2)
**(10)**

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

***Isisila sehobe*: S. C. Satyo no- E. F. Gwashu**

2.1 Phendula imibuzo ngesicatshulwa esilandelayo.

> **UQalisile** *(Selebobotheka):* Hay' ke, xa utshoyo, Dini, sokhe sinqumame kwezephepha-ndaba, Kodwa ke, mandikuqinisekise ukuba, andinazo iindaba zaseBhayi endingazifanisa nolu lonwabo ndiluvayo ngoku, ngokuhlala nawe kweli gumbi. Ndisuke ndanga ndingasoloko ndithetha nawe, ndithethe ngawe kuphela. Andinamdla wokulubhoxa ke olo lonwabo lwam. Indlela endisuke ndakuqhela ngayo, ngemizuzwana engephi, isuke yaphembelela intlantsana ethile yokwaneliseka ziincoko nezimbo zakho, Dini. Kungokunje, ndiyeva ukuba iya ikhula le ntlantsana, iba nto yimbi. Ngenene, ngenene! Bendilindele ukuthi mhlawumbi ndiza kugagana nomntu osisithekayo, ongenaxesha lamadlavana anjengam nje. Ngoku ndimi nematha! Ndisuke ndafika kumntu odlule namahlwempu afana nam ukuzithoba! Inene! Inethamsanqa indoda eya kufumana umfazi onguwe. Dineka kaDumezweni!
> (*Asukume eme ngeenyawo.*)
>
> **UDineka** (*Endweba, emangaliswa)*: Kutheni ke ngoku? Sewuhamba ke ngoku, Qali?
>
> **UQalisile** (*Eththela phantsi, emjonge ngoncumo*): Ukuhamba? Ukuhamba? Mna? Ndihambe? Hay', Dini. Andikahambi. Andikahambi.
> (*Azula-zule*)
> **UDineka** (*Ngeliphantsi naye*): Ke-e? Hlala phantsi, maan. Hlala apha!
> (*Ambambazele isofa ngesandla ecaleni kwakhe*.)

| | | |
|---|---|---|
| 2.1.1 | Uthetha nabani uQalisile? | (1) |
| 2.1.2 | Uziva njani uQalisile ngokuhlangana kwakhe noDineka? | (2) |
| 2.1.3 | Yintoni le imonwabise kangaka? | (2) |
| 2.1.4 | Yithi gqaba ngale ntlantsana iphembeleleka kuQalisile. | (2) |
| 2.1.5 | Yintoni le aqaqambe ngayo uDineka kuQalisile? | (3) |
| 2.1.6 | Kutheni esithi uQalisile le ntlantsi iba nto yimbi? | (2) |
| 2.1.7 | Ngokwengcinga zakho, ingaba yintoni le imenze eme ngenyawo uQalisile? | (3) |
| 2.1.8 | Bhala igama eliphindaphindiweyo, nelibonisa intlantsi yothando kwesi sibini. | (1) |

2.1.9 Nika intsingiselo yala mabinzana:

a) wokulubhoxa. (1)
b) yaphembelela. (1)
c) kugagana. (1)
d) ndimi nematha. (1)

**(20)**

2.2 Phendula imibuzo ngesi silandelayo isicatshulwa.

**UNomatshamba** (*Ezithothisa*): Uxolo, Qali. Uxolo, maan, nhe? Eyona nto wena kukuba ndisuka ndibe nayo nendawana eba nobukhwele ndakukhumbul' ukuba, ngenene, oyena mfazi kuwe nguDineka kunam. Yena ukutshatile. Mna andikakutshati. Uyabona?

**UQalisile** *(Ecaphuka ngaphezulu):* Yimisebenzi yakho yonke leyo! Ndikuthobele, ndenza konke othi mandikwenze, ngenxa yokukuthanda. Ngoku uhlalel' ukundimbikra ngomfazi onguDineka, ngokungathi yinto ebithandwe ndim le ndiyenzileyo. Le nto iyindlalo nje kuwe ikukufa kum! Uz' uyiqonde loo nto!

**UNomatshamba** (*Elusizana*): Awu! Qali, maan! Yinton' ud' utheth' uzonde nje, sithandwa sam? Bendingenzinjongo zo-kukuhlabekisa, man. Ndenziwe ngumona, uyazi? Ndinomona gqitha ngawe.

(*Babuye bathule, bathi cwaka omnye umgama omde, kuhlokoma isandi sokuhamba kwemoto kuphela, ngelinini, kuthethe kwa-uNomatshamba*.)

Uyozela, Qali?

**UQalisile:** Hayi, ubuza kuba kutheni?

**UNomatshamba:** Ndiva uthe cwaka olu hlobo. Usaqumbile na, man?

**UQalisile** *(Ezama ukuyidungudelisa le ncoko):* Hay' andiqumbanga. Akunabhiya apha? Ndisuke ndee khothe.

2.2.1 Ulucelela ntoni uxolo uNomatshamba? (2)

2.2.2 Ucaphukiswa yintoni uQalisile? (2)

2.2.3 Yintoni le imenza ukuba uNomatshamba aveze similo simbi ngoku? (2)

2.2.4 Ingaba unyanisile uNomatshamba xa esithi unomona ngoQalisile. Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.5 Caphula igama elithetha ukuba nomona ngesithandwa sakhe. (1)

2.2.6 Kuthetha ukuthini:

a) ukumbikra. (1)
b) Ukuthobela. (1)
c) ukutheth'uzonde. (1)
d) ukuhlokoma kwesandla. (1)

2.2.7 Phuhlisa okuthethwa nguQalisile xa esithi 'le nto iyindlalo kuwe ikukufa kum'. (2)

2.2.8 Umhanahanisa kanjani uNomatshamba uQalisile? (1)

2.2.9 Abalinganiswa banikwa amagama ngokwemo zabo. Kha uthi gqaba ngaba balinganiswa ngokwendima zabo kule ncwadi.

a) Qalisile. (2)
b) Nomatshamba. (2)
**(20)**

**AMANQAKU ECANDELO B: [40]**

ICANDELO C
**UMBUZO 3**

***Umakhwekhwetha*: R. F. Mcimeli**

3.1 Phendula ngesi sicatshulwa silandelayo.

> Inyanga kaMeyi yonyaka owawulandele owam wokuqala ngqa ndingenile ebucuphini, inyanga yeshumi elinesi-thandathu ndiphangela, ifumene indodana esele iqala ukwakha amaxhaka ngalo msebenzi wayo. Umakhwe-khwetha, ingcungcu yomcuphi ababesele bevuma bonke abecuphi kweso sikhululo sethu saseMdantsane ukuba okunene 'ligqala', 'isisele senyathi', ophambili eno-kubuzwa kuye inyathi wayesele eluqongqothele kum lonke ulwazi awayenalo ngokundithanda. Wayenganeli nje kukuthi xa sihleli sobabini ayizalise loo ngqondo yam, yayisanxanelwe amava, ngamahla-ndinyuka akhe kulo msebenzi wethu, wayephuma nam qho ukuya kundibonisa ukuba wayelisombulula njani na elinje nelinjeya iqhina. Ngokusebenzisa lawo wakhe amacebo ndizibone ndiyinto ethandwa kakhulu 'nguBoss', uMphathi wethu ke. Ngoku ndandiyinto ekhe inikwe iqhina, iphume yodwa ukuya kulisombulula. Njengokuba waye enguZwilakhe nje uMakhwekhwetha, eboyisa bonke kweso sikhululo, yayindim ndedwa awayesima kuye. Ndandimbetha ngokucaphula kwawakhe amazwi nakwawakhe amava, ndimgqibe tu unkabi kuba wayengenguye nomntu uku-mthanda umntu othi kwakuba nzima acaphule kwawakhe amava namazwi. Kuye ndandifana nomfundi lo okrele-krele ngokokude athi akusifundiswa isibalo athi ukusazi oku ade akwazi nokuphikisa utitshala wakhe, okanye avelise indlala entsha neyona imfutshane yokwenza isibalo eso kunaleyo katitshala. Yiyo loo nto wathi akuza kum kusasa ngenye imini esophisa, equbudile ngokwenkwe-nkwe ebethwe uduma yaza yayigoba intloko isophisa, ndaziva ndikhathazekile emphefumlweni.

| | | |
|---|---|---|
| 3.1.1 | Ngubani le ndoda ibalisa apha? | (1) |
| 3.1.2 | USiphuka uwugqibe ngayiphi inyanga unyaka wakhe wokuqala ephangela? | (1) |
| 3.1.3 | Wayesele ekowuphi umgangatho ngokwenkonzo yakhe ngoku uSiphuka? | (2) |
| 3.1.4 | Obu bukhwekhwetha wabuncela kubani? Chaza ngokuzeleyo. | (2) |
| 3.1.5 | Kwaba naziqhamo zini oko kuthana khwe kwakhe noMakhwekhwetha? | (2) |
| 3.1.6 | Yintoni le yayithandwa nguMakhwekhwetha kakhulu kuSiphuka? | (2) |
| 3.1.7 | Wayede ambone njengomntu onjani uSiphuka uMakhwekhwetha? | (3) |

3.1.8 Nika intsingiselo yala mabinza:

a) ukwakha amaxhaka. (1)
b) ukuba yingcungcu. (1)
c) ukuba ligqala. (1)
d) isisele senyathi. (1)
e) ukuba nguZwilakhe. (1)
**(18)**

3.2 Phendula kwakhona le ilandelayo imibuzo.

> Akutsho ndawubeka phantsi umnxeba ndingenzanga nosala kakuhle. Ndiyokuboleka uMakhwekhwetha ema-poliseni, saphinda sayindlela eya kwakhe. Ukungena nje kwethu ndimkhulule uMakhwekhwetha ndaza emva koko ndaya ndiphala enkwenkweni, ndayikhonkxa. Wothuke wakhamisa unina wabuza, "Yintoni ngoku? Wenze ntoni uVuyisile?"
>
> "Utshise umzi kaMkhuma, mama. Akuba ewutshisile wena wazenza idini ngokuthi nguwe owutshisileyo ngenxa yenimba. Ixesha eli lonke ekungomba uMkhuma ingqu-mbo kaVuyisile iya ikhula ngokukhula de wenza isigqibo sokuba amenze laa nto ikweliya bali wayelive kuni. Sakufika aphawena wabetha ngoyaba xa uMakhwekhwe-tha ezenza idini endaweni yakho. Ngalo lonke ixesha eli inkwenkwe ithule cwaka ihamba ngokomyalelo wakho othe iz'ingathethi ngale nto nakubani na. Eyona nto ibangele ukuba mayenze le nto ngulaa mlomo uthe wena uza kutshata nalo mfo, ube owona mnqweno wayo uphambili wokuba nibuyelane nomyeni wakho ulahlwe kwelokuli-bala. Akunjalo Vuyisile?" Kwakusitsho into emphefumlo uxhuma-xhumayo yimincili.
>
> "Mama, uza kutshata nalaa tata?" Ibuzile inkwenkwe imjo-nge kakubi unina, kucaca ukuba le yokuba iyabanjwa ngoku incinci gqitha kuyo. Usuke wabugqsuma umfazi ubuso ngezandla, wagiza. "Mama, uza kutshata nalaa tata?" Izingile inkwenkwe.

3.2.1 Ngubani lo ubanjwayo apha? (1)

3.2.2 Ubanjelwa ntoni? (1)

3.2.3 Xela isizathu sokuba atshise lo mzi? (2)

3.2.4 Aba bantu kuthethwa ngabo apha bazana njani? (2)

3.2.5 Khetha impendulo eyiyiyo:

a) inimba (yintiyo, luvelwano) (1)
b) ukungomba (kukubetha, kukucenga) (1)
c) ukuzena idini (kukuzinikela, kukwala) (1)
d) ukubetha ngoyaba (kukuthethela phezulu, kukuyinyathela into) (1)
e) ukulahlwa kwelokulibala (kukuthandwa, kukungahoywa) (1)
f) ukugixa (kukuhleka, kukukhala) (1)

**(12)**

3.3 Phendula kwakhona le ilandelayo imibuzo.

Emva kweeveki ezintathu engafuni nokuthetha uMakhwekhwetha ngayo nje yonke into ude wanyibilika ngenye imini wathi kum, “Mfo, namhlanje oyena Makhwekhwetha nguwe. Wenze into eyoyisa nabaphathi babecuphi ubuqu”.

“Yintoni leyo, Makhwekhwetha?”

“Ukutshela kwisifungo sakho sokuba uya kubamba ude ubambe noyihlo wembala xa esaphula umthetho. Inzima le meko ubukuyo. Okunene uyindoda”.

Emva kweenyanga ezine ndifumene isipho esivela kwinkosikazi kaMakhwekhwetha sihamba nencwadi eqala ngamazwi athi, “…. Kuba uvuse indoda yam ibisele ifile, wavusa nekhaya lam besele lingamabhodlo …” Ndathi ndakumbonisa uMakhwekhwetha le ncwadi wasuka wandiqhayisela ngokuba kwiinyanga ezizayo uza kuba nentombi okanye unyana wesibini. Mna ndimphendule ngokumnika iphetshana elalivela kuNonzame Mntumni, isithandwa sam, limmema kwingxikela yomtshato kaNonzame Mntumni noMzingaye Siphuka umhlobo wakhe omkhulu. Sasuka sagonana nexhego lam, saya kungena kwenye yeofisi siphelile yintsini, elowo esithi komnye, “Makhwekhwetha”.

3.3.1 Yintoni eyenze ukuba uMakhwekhwetha ambone njengomnye uMakhwekhwetha uSiphuka? (2)

3.3.2 Wafumana ntoni uSiphuka emva kweenyanga ezine? (2)

3.3.3 Kutheni le nkosikazi isithi indoda yayo ibise ifile. (1)

3.3.4 Kwaba namvuzo mni ukudibana kukaMakhwekhwetha nenkosikazi yakhe? (1)

3.3.5 Yena umfana kaSiphuka weza naziphi ezimnandi iindaba? (2)

3.3.6 Lisifundisa ntoni eli bali? (2)

**(10)**

**AMANQAKU ECANDELO C: [40]**

ICANDELO D

**UMBUZO 4**

***Sasinoncwadi kwatanci:*** **S. C. Satyo nabanye**

4.1 Uncwadi.

4.1.1 Bhala iintlobo zoncwadi lwesixhosa. (2)

4.1.2 Mpawu zini ezifumaneka kuncwadi lwemveli? (3)

4.1.3 Bhala iindlela oluphumpeka ngayo uncwadi lwemveli. Bhala zibentathu. (3)
**(8)**

4.2 Iintsomi.

4.2.1 Khetha imisebenzi yophinda-phindo magama okanye yamabinzana entsomini kule misebenzi ingezantsi.

a) Lubonwabisa kakhulu abasebenzi
b) Luzoba imeko yosizi
c) Luyagxininisa
d) Luzoba umfanekise-ngqondweni. **(2)**

4.3 Funda le ntsomi uze uphendule imibuzo.

Yafunga ukuba iya kuze iziphindezele kuDyakalashe ngokubulalisa abahlobo bayo ngoluya hlobo. Yaba soloko imzingela apha ekuhambeni. Ngenye imini yagagana naye. Yafun' esiqwini kuye, koko uDyakalashe waba sisityambele ukubalek' oku. Yalalisa emva kwakhe, waba ngatshona ngapha, yabakho. Wathi ngokubon' ukuba iyafutshanisa, wacinga iqhinga. Wathi gwije nje kwelinye iliwa, wabe selesima elibamba exhathisile ngokunga ulixhasile. Yathi gqi imfene; yathi isathi, "Ndikufumene, gishimandini", wathi, "Mfene mfondini, ungabi sabuza eli liwa liyawa ubona ndilixhasile nje; lingasiwela lisibulale sobabini ukuba ndinokuliyeka". Yathi xhungu imfene, yee xhwenene. Wathelela uDayalashe wathi, "Nceda, Mfene mfondini, khawuze kuxhasa apha; mna ndiza kubaleka ndiye kuxela komkhulu ngale ngozi". Sabamba isidenge esikhulu esiyimfene, saxhasa ngokuxhathisa okukhulu. Wabaleka uDyakalashe, wayishiya apho, waduka. Waba uyasinda njalo.

Ngelingeni kwadlula uMvolufu apho, wabona imfene ixhathise ixhase iliwa. Wabuza ukuba konakele phi na. Yachaza imfene. Wathi uMvolufu: "I-i, suk' apha, Mfene! Uva ukuqhathwa leliya mene-mene uDyakalashe. Akukho nto injalo; yeka eli liwa uhamb' indlela yakho". Yakhe yaziziliza imfene, kodwa ngokuthandezwa nguMvolufu, yathi lakatyu phaya. Lakha lawa phi elo liwa? Wathi uMvolufu: "Uyabona ke ukuba uqhathwe njani leliya bhebe ngu?"

"Phela, phela ngantsomi".

4.3.1 Qhinga lini elenziwa nguDyakalashe ukuze asinde kuMfene? (1)

4.3.2 Lamnceda kanjani uDyaki eli qhinga? (1)

4.3.3 Ngubani owavula ingqondo kaDyaki? (1)

4.3.4 Umxholo wale ntsomi ngowokuba izidenge lilifa lezilumko. Phuhlisa olu luvo ngokwayama kule ntsomi. (2)

4.3.5 Isifundisa ntoni le ntsomi? (1)
**(6)**

4.4 Amaqhina.

Yakha amaqhina asekwe:

4.4.1 kumzimba namalungu awo. (1)
4.4.2 kwizilwanyana zasendle. (1)
4.4.3 kwizilwanyana zasekhaya. (1)
4.4.4 kwintaka. (1)
**(4)**

4.5 Gqibezela:

4.5.1 Ndinamntu wam ___________ emhadini. (1)
4.5.2 ___________ lifa libhinqile. (1)
4.5.3 ___________ ungatshiyo namanzi abomvu. (1)
4.5.4 Ndinamfundisi wam _________________ . (1)
4.5.5 **(4)**

4.6 Amaqhalo.

Bhala iqhalo endaweni yentsingiselo:

4.6.1 Ukukhuthaza ukuba umntu angancami engakhange azame. (1)
4.6.2 Ubunqenerha abubhatali. (1)
4.6.3 Izinto ezibonisa ukuba umntu uyaguga. (1)
4.6.4 Ukuzifaka engxakini ngokungaphulaphuli (1)

4.6.5 Tshatisa uA no-B

| | A | | B | |
|---|---|---|---|---|
| a) | Intaka yakha ngoboya benye. | A. | Izinto ezinkulu zineziqalo ezincinane. | |
| b) | Kuhla ngamqala mnye. | B. | Akuvakali ukwaluphala. | |
| c) | Ingwe idla ngamabala. | C. | Umntu uzingca ngento ayiyo. | |
| d) | Ukuguga akuzi ngazingqi. | D. | Yenza lento ufuna yenziwe nakuwe. | |
| e) | Inkqayi ingena ngentlontlo. | E. | Kuyancedwana. | (5) |

**(9)**

**Tyhila**

4.7 Izaci.

Yakha izaci ngezi zilwanyana zilandelayo.

4.7.1 Inyoka. (1)

4.7.2 Inkuku. (1)

4.7.3 Isele. (1)

4.7.4 Ipikoko. (1)

4.7.5 Ingwe. (1)

4.7.6 Ingonyama. (1)

4.8 Bhala umsebenzi wesaci ube mnye. (1)
**(7)**

**AMANQAKU ECANDELO D: [40]**

ICANDELO E

**UMBUZO 5**

***Imbadu:*** **G. B. Sinxo**

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**MHLA INXILA LAVUYA**

uMpondozephela wayesekuxakekeni okukhulu kunene. Waye-nxile bhada. Wayengenako nokuma, engenako nokubheka pha-mbili. Wafana ke waphuma esitratweni, wangena kwesincinci, esiphuma kweso sikhulu, wee **folokoxo** phantsi, ezama ukuqokelela iingqondo zakhe eziphalalayo.

Njengoko wayehleli apho, wayephethwe ziingcingane ezimbini – ukuba wayethe ngelo xesha anjalo wazinaka waphumela kwasesi-tratweni wayeya kuba **sisichenge** selokuqala ipolisa adibene nalo, limbambela ukunxila. Ukuba wayethe wahlala apho kuloo ndawo, wayeya kusinda ekubanjweni, kodwa wayesazi kakuhle ukuba xa aseleyo wazingxala kangako, uza kusuka alale apho, kude kuse ngemini elandelayo. Loo ngcingane kanye yamphambanisa. Umkakhe, uNonenti, wayengoyena mfazi unobukhwele eNew Brighton, eBhayi. Wangcangcazela akucinga ngeemini ezinga-phambili, xa wayethe kwangoku kunxila kwakhe akalala khaya. Wakhumbula ukubethwa awakufumanayo ngaloo mini, ebethwa ngumfazi wakhe lowo.

Ngaphambili uMpondozephela wayedla ngokumbetha umfazi akuba nje, kuloko wanqumama kweso simo ngokusuke kubonakale ukuba uza kuba lilifa lentolongo, kuba umfazi wathi gromomo wambamba akumbetha. Ngoku yayinguNonenti yedwa owayese-nza lowo msebenzi wokubetha, ewenza ke wethu ngokungathi umbuza umlandu.

5.1.1 Yintoni le yayixake uMpondozephela? (1)

5.1.2 Wayesoyika ntoni kakhulu malunga nale ngxaki yakhe? (1)

5.1.3 Yintoni eyayingenzeka kuye xa wayengahlala kuloo ndawo wayekuyo? (2)

5.1.4 Yintoni eyamnqumamisa ekubetheni umfazi wakhe? (2)

5.1.5 Le meko yayisele imnukuneza kanjani yena? (1)

5.1.6 Wathatha esiphi isigqibo ngale meko yakhe? (1)

5.1.7 Nika intsingiselo yala mabinzana:

a) ukuba sisischenge samapolisa. (1)
b) ukuthi gromomo. (1)
c) Ukuzingxala (ngotywala). (1)

5.1.8 Bhala izifanekiso zwi ezisetyenzisiweyo, unike nembangi yokusetyenziswa kwazo. (2)
**(13)**

5.2 Phendula imibuzo ngesi esilandelayo isicatshulwa.

> Ipolisa, uMehlwekati, lazuza umsebenzi onzima. Umbanjwa kungokunje wayengasenako ukuhamba konke ngeyakhe imilenze. Endaweni yokubheka phambili wayesuka agxadazele ebuya ngomva, ukusuka apho aye kuwa ngobuso kweso sitrato **sililitye**. Kwaqala kwabonakala ukuba uMehlwekati makalithwale kaloku ibanjwa lakhe. **Wayebile eliqugwala** ngoku, edinwe eyiloo nto. Intsimbi yayisukela eyokuqala yemini emaqanda, inguMgqibelo evekini. Ngeyesibini intsimbi, ngaloo mini, wayeza kudlala ibhola. Ngoku zonke ezo zinto wayeza kuphoswa zizo ngenxa yokuzamana neli nxila!
>
> Kwathi akufika kwisitratwana esisecaleni, wawuthi tyaa loo mthwalo wakhe ngaphaya kweekasi ezaye zilapho ekungeneni. Walala ngomhlana uJan, ejonge ngaloo mehlo akrozileyo kukunxila. Ipolisa ngokuncama lagqiba kwelokuba limshiye apho.
>
> "Jan!" Lakhwaza latsho, "namhlanje ziyasinda ngenxa yokuyekwa ndim! Kodwa mazingagcingi ukuba zakuze zisinde emlilweni wesihogo xa zingxila kangaka! Baleka usindo ozayo, uyeke itywala! Gugquka kuselixesha!"
>
> "Enkosi, Bhasi." Kwaba kuphela kwamazwi kaJan lawo, walala ubuthongo.

5.2.1 Wabanjwa ngubani uJan? (1)

5.2.2 Yintoni le yoyisa uMehlwekati? (2)

5.2.3 Kwakumtyhefe njani obu tywala lo mfo? (2)

5.2.4 Esi simo sasinangxaki ni kuMehlwekati? Naba. (3)

5.2.5 Wabhenela ekwenzeni ntoni uMehlwekati, ukuhlangabezana nale meko kaJan. (2)

5.2.6 Ingaba zilungile ezi zigqibo zikaMehlwekati ngokomthetho? (2)
**[12]**

5.3 Funda esi silandelayo isicatshulwa, uze uphendule imibuzo.

> Ngaloo njika-langa, uMpondozephela wayelindele umkhuluwa wakhe, waye ehleli endlwini yakhe, elolo sizi wayesoloko elulo ngoku. Nantso inkwenkwana imzisela iphepha leendaba. Kaloku wayeselefunda amaphepha ngoku wayekayo ukusela nje.
>
> Wamana etyhila amaphepha lawo, engenamdla kuloo nto. Ngesiquphe, amehlo akhe atwezeka, anga ngawendubula. Ubuso bakhe obumnyama ngokwelahle likaloliwe, bajika bakhazimla ngokwelanga. Hayi wayengaphuphi! Nango loo mfanekiso nombhalo! Yayingumqhathu apho womfo, into yona engxabalazayo, enxibe ezakwaFitoli zakudala, yaye le nto igushe umngxu webhotile phantsi kwengalo. Ngaphantsi, ngamnyama namhlophe amagama. kubhalwe loo mazwi ahlwabisa kunene !Johnnie Walker – Born 1820 – Still going strong!"
>
> Ngaloo mzuzu uzuke kunene kanye, wagaleleka umkhuluwa wakhe. Abulisana ngobushushu obukhulu amathol' enkunzi, wavakala uMpondozephela:
>
> "Mfo kabawo, bendiqonda ukuba bayaxoka, uMehlwekati kwanalaa mfundisi! Ethe, Nonenti, iiglasi sisele nomntakamama sizibulale!"
>
> Ngobo busuku, enxile eludaka uMpondozephela, wamana ebhuda ebuthongweni bakhe, "uMehlwekati – na – nalaa mfundisi – ba-Bexoka! uJohnnie Walker wa – wa – wayesela kwango – ngo – 1820 – 20, kodwa nanamhla nje – usa – usahamba nje – ngeziqula!"

5.3.1 Yintoni eyatsala umdla kaJan kwiphephandaba? (2)

5.3.2 Buxoki buni obu athetha ngabo uMehlwekati? (2)

5.3.3 Lo mfanekiso wawusephepheni weza nesiphi isigqibo kuJan? (2)

5.3.4 Ngokombhalo uJohnnie Walker wayengumqhathu. Phuhlisa le ntetho. (2)

5.3.5 Caphula ufaniso kulo mhlathi. (2)

5.3.6 Lusetyenziselwe ntoni olu faniso? (2)

5.3.7 Bhala amagama abonisa ukuba amehlo kaJan ayevulekile. (2)

5.3.8 Caphula okubonisa ukuba ngabantwana bomntu aba babetyelelene. (1)
**(15)**

**AMANQAKU ECANDELO E: [40]**

**AMANQAKU EWONKE: [80]**

**ISIPHELO**